AL HIDAYAH CENTRE EASTERN CAPE

# ILIZWI LE-ISLAM

NEWSLETTER isiXhosa

ISSUE 3 - NOVEMBER 2018

*Inside this issue*

**IMPORTANT BELIEFS:**
OF ISLAM

**BIOGRAPHY:**
HAZRAT ABU BAKR RADHIALLAHU ANHU

**IMIBUZO NEEMPENDULO:**
HANAFI AND SHAFI FIQH




XHOSA RESOURCES:

XHOSA TAFSEER AUDIO
https://archive.org/details/XhosaTafseer

XHOSA NEWSLETTER
https://archive.org/details/IlizwiLeIslamXhosa

## IMITHETHO EBALULEKILEYO EKUHLAMBULULENI UMPHAKATHI

Kananjalo xelela amakholwakazi ukuba ehlise ukujonga kwawo, anonophele iindawo zawo ezinqabileyo, angaqhayisi ngezihombiso zawo ngaphandle kokokufanele ukuba kuvele kuwo, kananjalo makabeke izigqubuthelo zawo ziwathi wambu ukuya kutsho ezifubeni zawo, angaqhayisi ngezihombiso zawo (ubuhle bawo) ngaphandle kwakubayeni bawo, oonyana bawo, oonyana babayeni bawo, kubanakwawo, oonyana babanakwawo, oonyana boodade bawo, nakubafazi bawo abo izandla zawo zokunene zibabambileyo (amakhoboka) nabobaqeshwa babo abo izandla zawo zokunene zibabambileyo (amakhoboka),nabobaqeshwa babo bangamadoda angenazinkanuko zasondo (abathenwa),nabantwana abengakabi nalwazi ngeendawo ezinqabileyo zabasetyhini, kananjalo mabangabethi iinyawo (xa behamba) besenzela ukuba kubonwe oko bakufihlileyo kuzizihombiso zabo. Kananjalo nibuyele kuAllah ngenguquko, ninonke, hinina makholwa, khonukuze niphumelele.

Kule Surah kuchazwa imithetho engumkhomba ndlela ekuguquleni iimeko zomphakathi. Kufuneka sizazi izinto ezizisa ububi emphakathini, nokuba singasifumana njani isisombululo?

**Ukukrexeza sisono esikhulu**

Omnye wemithetho kukuba umntu oyindoda okanye ebhinqile, ingulowo kubo kufuneka ehlise ukujonga. Ingaba inganceda njani ukuguqula umphakathi ukujonga phantsi? Amalungu anqabileyo ayakukhuseleka. Kuba ngokungakhuseli iindawo ezinqabileyo, ukukrexeza, njengokuba sesitshilo ukuba ukukrexeza sisono esikhulu kakhulu. Isono sokuqala ukuba sikhulu kukwenza amahlakani no Allah, esesibini ukuba sikhulu kukukrexeza (ngokwe Islam ukukrexeza kuthetha ukwabelana ngesondo, ukujonga omnye umntu wesinye isini ngeenkanuko, ukuncokola ngokwabelana kunye nokuphathaphathana. Ngenxa yokuba sisikhulu esisono kubalulekile ukuba singasiphephi nje, Kokomo kufuneka sizibaleke nezo zisisondezayo kuso. Kuba kaloku siyayazi ukuba angeze ukwazi ukungena emlanjeni wamanzi ngaphandle kokuba ufumane ubumanzi. Sijikeleza sihamba ze singanxibanga, sijonga konke okushukumayo, wokugqiba ulindele ukuba akuzokubizwa ubizelwa imilozi apho uhamba khona, emva koko uzibone sele ukrexeza. Njengokuba siyalelwe ukuba izinto ezikhokelela elukrexezweni nazo kubalulekile ukuba sizikhwebule kuzo.

UAllah Ta'ala uthi: Kananjalo ningasondeli ekwabelaneni ngesondo okungekho mthethweni (ngokwenkolo yeIslam ningakrexezi, ningajoli, ningathandani) kuba inene kona kusisono nendlela engcolileyo (ekhokelela esihogweni). (Surah Isra verse 32)

Siyafunda kule vesi ingentla ukuba khona ukuze ukube uyakhuseleka kwiZina kufuneka uzikhwebule nakwizinto ezikhokelela kuyo, kuba ukuba akwenzanga njalo, ambalwa kakhulu amathuba okuba ungasinda ekubeni uzibandakanye nezina. Kweli xesha sikulo siyabona ukuba ngenxa yokungathathelwa ngqalelo le mithetho isikhusela elukrexezweni, sifumana kwaye sibona ukuba ufele lokugqibela lomphakathi kukuba nyulu nokuba nesazela xa ubhatyazile. Kweli xesha lethu endaweni yokuba umntu abenesazela sokukrexeza, abaninzi bazingomba isifuba ngokuthi aqhayise ngendlela angudlalani ngayo. Mzi kaPhalo masibuyele ebunyulwini khona ukuze abantwana Bethu bazokubazi ootata babo.

**ADVERTISE** and help reach out to the large Xhosa population. This newsletter is distributed throughout the Eastern Cape. 081 240 3844

# IMPORTANT BELIEFS OF ISLAM

Ngezantsi apha sizakuchaza ezinye iinkolelo ezibalulekileyo ukuba yonke iMuslim ikholelwe kuzo khona ukuze izokuthatyathwa njenge Muslim enyanisekileyo:

**1**

Ukukholelwa ukuba uMprofethi uMuhammad sallallahu alayhi wasallam nguMthunywa wokugqibela kaAllah ukuthunyelwa kweli hlabathi. Nawuphi umntu olilisela ngokuba nguMprofethi okanye uMthunywa kaAllah ngumkhohlisi womhedeni.

**2**

Iislam yintlanganisela yeQuran NE Sunnah. Nawuphi umntu othi ukholelwa kwenye yazo, akayiyo iMuslim.

**3**

Ukukholelwa ukuba bonke abaprofethi nabaThunywa baka Allah awabathumelayo abanasono. Oyena Mprofethi mkhulu nguMprofethi wethu uMuhammad sallallahu alayhi wasallam kodwa siyabahlonipha bonke nabanye abaProfethi nabaThunywa.

**4**

Ukukholelwa ukuba onke amaqabane (Sahaba) akhe kufuneka siwahloniphe kwaye siwathande. Nawuphi othi awanyelise ngokuyinyani wanyelisa uMprofethi uMuhammad sallallahu alayhi wasallam, ukuze lowo uwathandayo ngukuyinene uthanda uMuhammad sallallahu alayhi wasallam.

**5**

Ukukholelwa ukuba u-Allah mnye akakhiwanga ziziqu, akananyana, akanamfazi, akanabazali, akazelwanga, engazelanga, akalali, akalali, akukho nanye ezidalweni efana naye.

**6**

Ukukholelwa ukuba umgwebo ngokuyinene uzakwenzeka.

**7**

Ukukholelwa ukuba konke okwenzekayo okuhle nokubi kwenzeka ngentando ka-Allah.

## AMAZWI ENGCEBISO KALUQMAN AIAYHIS SALAAM KUNYANA WAKHE

1: Ngaphandle kwamathandabuzo ubulumnko Benz umntu olihlwempu ahlale esihlalweni seKumnkani.

2: Lowo uthi athwale imithwalo yabanye abantu ngomonde uye abeyinkokheli yakho.

3: Ngokuthetha Kwam ndizisolile amaxesha amaninzi kodwa azange ndizisole ngokuthi cwaka.

4: Ngowuphi oworse kubo bonke abantu? Waphendula wathi:Umntu ongakhathaliyo nokuba abantu bayambona esona.

5: Thabatha ukuthobela uAllah njengo shishino ngokwenza njalo uyakufumana ingeniso ngaphandle kwenkunzi.

6: Xa uthetha ibangcathu xa into obuyifuna uyifumene, ithi cwaka.

7: Musa ukungqiba, ngaphandle kwamathandabuzo ukungqiba kususa amanzi obomu ebusweni bakho (kususa isithunzi), kodwa okona kubi ngakumbi kukuba uyadelelwa kwaye ujongelwa phantsi.

## *BIOGRAPHY OF HAZRAT ABU BAKR* *RADHIALLAHU ANHU*

Igama lakhe loqobo Abdul Ka'ab, yena uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam walitshintsha igama lakhe wathi nguAbdullah. Yena wazalwa kwiminyaka emibini emva kukaRasoolullah sallallahu alayhi. Wasallam.Abanye abantu abathi bomnkela i-Islam ngenxa yakhe yayingu Talha radhiAllahu anhu kunye noZubair, noSa'ad bin Waqqas radhiAllahu anhuma. UAbu Bakr radhiAllahu anhu yayinguye umpheleki kaRasoolullah sallallahu alayhi wasallam kwimfuduko eyayisiya eMadina.

**Ukuzinikela kwakhe kwi-Islam**

Ngethuba emnka eMakka noRasoolullah sallallahu alayhiwasallam besiya eMadina wathabatha bonkers ubutyebi bakhe, khona ukuze akwazi ukubusebenzisa ukunceda uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam ne-Islam. Wathi utata wakhe uQuhaafa wakuva ukuba umnkile ukuya eMadina, wabuza kumzukulwanekazi u-Asma exhalabile, wabuza: "Ingaba u-Abu Bakr uthabathe bonke ubutyebi? U-Asma radhiaAllahu anhu wamthibaza utatomkhulu wakhe owaye neminyaka eyi 83, amehlo wakhe ayesele enorhatyazo, waphendula ngokuthi: Tatomkhulu! Utata ushiye iingxowa ezigcwele imali ekhabhathini. Jonga! Wabe embambisa ezongxowa ezazihlohlwe amatye ambaca (flat) khona ukuze akholelwe ukuba u-AbuBakr radhiyallahu anhu akahambanga nabo bonke ubutyebi. Wathi uQuhaafa wakuva ukuba ezongxowa zigcwele watsho waxola lwehla uxinezelelo lokuba umnke nabo ubutyebi.Ekubeni eyamnkele i-Islam unyana wake U-Abdur Rahmaan radhiyallahu anhu wayesithi: Tata! Ngethuba le mfazwe yeBadr kukho ithuba apho wawungaqwalaselanga. Ukuba ndandifuna ngendakwazi ukukubulala, kodwa ndakuyeka. "UHazrat AbuBakr radhiyallahu anhu wancuma wathi: Mna ukuba ndandikubonile phambi kwam, ngendakubulala Luna ngelaxesha wawulitshaba lika Allah noMthunywa. "Siyabona indlela ewayizijule ijacu ngayo kwi Islam, wayekulungele ukuba enze idini ngobomi bakhe, ubutyebi kunye nokuba wayekulungele ukuba alwe iintshaba zika Allah nomProfethi, nokuba lonto yayithetha ukuba makalwe nonyana wakhe.

# IMIBUZO NEEMPENDULO
# HANAFI Q&A

**by Mufti Siraaj Desai**

**Q: Mufti Sahib ingaba luthini uluvo lwakho malunga nokusebenzisa i-oyile yentsangu ukunyanga iCancer? Kuba kukhangeleka iyinceda. Ingaba kuvumelekile ukuyisebenzisa?**
A: Ngoko lwazi esinalo kuvumelekile kwaye ku halaal ukuyisebenzisa le oyile njenge yeza. Ngaphezulu koko kona ukusebenzisa le oyile akunxilisi. Allah Ta'ala knows best.

**Q: Ingaba kuyinto engalunganga kusini na okanye kukuzisa into entsha enkolweni kusini na ukubeka iQuran phezu komqamelo xa uyifunda?**
A: Kuvumelekile ukubeka iQuran Shareef phezu komqamelo xa uyifunda, kuba kufuneka ngalo like ixesha uzayifunda kufuneka uyibeke kwindawo ephezulu. Kuba kufuneka uqinisekise ukuba umqamelo lowo ukuba ucocekile.

**Q: Ingaba kuvumelekile na ukuxoka?**
A: Ukuxoka kusisono esikhulu kakhulu kwi-Islam.

**Q: Ukuba indoda ithe yahlukana nonkosikazi wayo (divorced). Ingaba kuyimfuneko kusini ukuba unkosikazi kusini na ukuba abuyisele owayesakuba yindoda take imali yelobola (mehr)?**
A: Akuyomfuneko ukuba unkosikazi ayibuyise ilobola kwaye nosakuba ngumyeni wakhe akavumelekanga ukuba amnyanzele ukwenza oko. Ukuba indoda imnyanzele ukuba abuyise ilobola ukwenza oko kusisono.

**Q: Ukuba Indoda ishiya ngemva unyana neentombi ezimbini, ayinabazali kwaye ayinamfazi, infant kufuneka lwabiwe njani ilifa layo?**
A: Ekubeni uqatyelisiwe umngcwabo wayo, amatyala ayo ebhatelwe,umyolel o wayo ufezekisiwe, ilifa layo lwahlulwa libe ziziqingatha ezine ezilinganayo. Iziqingatha ezibini zithathwa ngunyana ukuze kwezi zibini zishekileyo, intombi nganye ithabathe isiqingatha esinye.

**Q: Ukuba umntu uthandaze imaghrib kwimizuzu emibini phambi kwexesha layo, ingaba Lo maghrib yomnkelekile?**
**A: Lo maghrib ithandazwe phambi kwexesha layo ayomnkelekanga. Kufuneka awuphinde lo mthandazo.**

**Q: Ukuba indoda inenjongo yokutshata umfazi wesibini, ngenxa yezi zizathu zilandelayo, umfazi wokuqala akamkhathalelanga, akamniki uthando alufunayo kwaye uyamlambisa ngesondo. Xa kukho ezi zizathu zingentla ingaba ivumelekile kusini na ukuba ingathabatha umfazi wesibini, Kwaye kuyimfuneko na ukuba icele imvume emfazi yokuba ithabathe umfazi wesibini?**
A: Indoda akuyomfuneko ukuba iqale ifumane imvume kumfazi wokuqala phambi kokuba itshate omnye umfazi. Kodwa ke kubalulekile ukuba imazise umfazi wayo ngenjongo zayo. Umtshato akufuneki wenziwe imfihlo. India akuyomfuneko ukuba ichaze izizathu zayo zokuthabatha umfazi wesibini. Kodwa xa sijonga ezi zizathu zichaziweyo ziyamthethelela ukuba afune ukuphinda atshate. Kuba umfazi esilela ekumkhathaleleni, ekumboniseni uthando, ukumlambisa ngesondo, zonke ezo zinto zizinto ezakha umtshato njengokuba kubekiwe yiQuran Engcwele. Ukuba unkosikazi uyasilela ukunika umyeni wake oku kungentla, akufuneki alile xa indoda yakhe ifuna omnye umfazi, kuba unkosikazi ozenzayo ezi zinto zingentla Indoda yakhe yenza lonto ayithandayo.

# IMIBUZO NEEMPENDULO
# SHAFI Q&A

**Q: Ingaba kuvumelekile ukuba indoda imphathaphathe unkosikazi wayo xa unkosikazi esexesheni?**
A: Xa umntu obhinqileyo esexesheni, akuvumelekanga kumyeni wakhe ukuba izikhumba zabo zidibane ukususela enkabeni uyokutsho emadolweni. Yilonto yodwa engavumelekanga. Ukuzivisa kamnandi, ngokuphathaphathana xa kukho into eyahlulayo phakathi kwezikhumba okanye ngokujonga, leyo into ivumelekile. (Sunni Path)

**Q: Ingaba kuvumelekile na, ukuba ibhinqa lingazitshatisa ngaphandle kwe Wali (Mnakekeli)?**
A: Kwisivumelano somtshato ngamacala amabini achaphazelekayo. Lo macala mabini ngala,licala lebhinqa kunye necala lo myeni. Umyeni yena uyazimela kanti lona ibhinqa limelwa nguMnakekeli walo okanye ummeli womnakekeli walo. Ibhinqa akuvumelekanga yedwa ukuba omnkele ukucelwa okanye umtshato ngaphandle komnakekeli. Kengoko akavumelekanga ukuzitshatisa. IHadithi ithi: Umtshato awomnkelekanga ngaphandle kwemvume yeWali kunye namangqina amabini athembekeleyo. (Bayhaqi, Sunni Path)

# BIOGRAPHY OF LUQMAAN ALAIHIS SALAAM

Igama lakhe yayinguLuqmaan bin Nahoor bin Taarih yena wayengutata ka Ibrahiem Alayhis salaam, lo mnombo unikezelwe nguMuhammad Ibni Ishaaq, Suhaili yena uthi igama lakhe yayingu Luqmaan bin Anqaa bin Seeroon owaye ngowefamily ka Aaila.Ibni Katheer uthi▯ ULuqmaan RA wayeyi jaji yamaSirayeli ngexesha lo mProfethi uDawood AS.

Ibni Qutaiba yena wathi▯ ULuqmaan RA wayelikhoboka elalivela e Abyssinia▯Ethiopia▯uMnikazi wakhe waye ngumSirayeli,emva kwexesha uMaster wakhe waya wamnika inkululeko kwaye wamnika nobutyebi.

Ibni Abbaas RA yena wathi▯ ULuqmanRA wayesisicaka esasivela eAbyssinia kwaye waye ungumchweli.

Hazrat Ibni Musayyab RA yena uthi wayevela eSudan waye babalwe ngobulumko hayi ubuProfethi. Waye bingumntu ongathethi kakhulu, wayesoloko engumntu ocingayo, eyimboni, engazange alale emini kwaye engazange abonwe ethufa. Azange afane azikhohlelise, agezele bantu. Azange ahleke koko xa ethetha wayethetha amazwi obulumko. UKhalid Rabiee ukubonisa ubulumnko bakhe usichazela elibali lilandelayo, "Ngenye imini yathi inkosi yakhe kuye, Xhela le bhokhwe, ekubeni eyixhelile, yathi inkosi yakhe kuye, khupha awona malungu angcono(best) yena wakhupha ulwimi nentliziyo. Kwakhona wayalelwa ukuba akhuphe awona malungu mabi(worse) kwakhona wakhupha ulwimi nentliziyo. Inkosi yakhe yathi kuye, xa bendithe kuwe khupha awona malungu angcono (best) ubukhuphe kwalamalungu manye?

Waphendula uLuqmaan RA wathi inene akukho malungu angcono kuna la ukuba acocekile akangcoliswanga zizono nezinto ezingalunganga, kwakhona akukho malungu mabi ukogqitha la xa emdaka enyukunyuku zizono nezinto ezingalunganga.

Malunga nonyana wakhe nomfazi wakhe kuthiwa babe ngakholwa, kungeso sizathu kwiQuran simva eyalela unyana wakhe ukuba azikhwebule kwiShirk, kodwa waba nenyameko kubo bada baguquka bazi Muslim. Kule ndawo ingentla siyafunda ukuba nasekubeni wayekholwe kakhulu kangaka kodwa uAllah wamvavanya khona ukuze sizobona nathi ukuba inyameko ibalulekile kumakholwa masingapheli mandla ekubizeleni abantu kwi Islam.

## POETRY

## Love

Love for wealth, love for status, Always trying to get these the fastest.
Love for clout, love for power, Trying to get more hour-by-hour.
Love for jewels and love for gold, Collecting more than we can ever wear and hold.
Love for larger houses and bank accounts, Worrying about dimensions and amounts.
Love for everything bought and sold, Boundless love for things we hold.
Closets filled both in and out, Drawers filled too and they're spilling out!
This is love that will only disappoint you, Most certainly and without any doubt.
Love of things fleeting and temporary, Love like this is really just scary.
Things that you will never take with you to the grave, Things that only in this world you crave.
Things that glitter and shine in this life only, Distract you from the goal of the next world wholly.
What then should you love, you ask? What then should you rush to purchase?
Where then should your money and effort go? Collecting what instead of these items for show?
Love of Allah and love for His pleasure, That is the only true answer, ever.
This life moves swiftly by in a blur, But the life of paradise is infinite and forever.
Rush to do good in this life, Compete in this without strife.
Dear brothers and sisters in Islam, Don't fall into this very devilish plan.
To trick you into buying this world with the life of the hereafter, That is truly the greatest disaster!
Remember that to Allah belongs the heaven, earth and everything in between,
None of us here can ever really own even a single thing.
He is the only One that is truly rich, Of heaven and earth He is the King
He is the One who created us from nothing, And He is the One who gives us everything.

*By Jameelah Abdallah*



# RECIPE

## CHOCOLATE CAKE

### ADD

2 eggs
1 cup milk
½ cup oil
Beat until smooth
Add 1 cup boiling water
Beat for 2 minutes
Bake for 40 minutes or until ready (180 degrees)

### STIR IN A MIXING BOWL

- 2 cups sugar
- 1 ⅔ cups flour
- ¾ cup cocoa
- 1 tsp baking powder
- 1 tsp bicarb soda
- ¼ tsp salt

**Published by Al Hidayah Centre Eastern Cape. This newsletter is distributed throughout the Eastern Cape. Contact us to advertise, or for any queries and input on: 081 240 3844**

@Hidayah_Centre hidayah_centre Al Hidayah Centre

AL HIDAYAH CENTRE EASTERN CAPE